



eduresourcza.com



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

testpapers.co.za

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI 9

NOVEMBA 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESI -3**

AMANQAKU: 60

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ama -4.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMABINI:

ICANDELO A: ISINCOKO

ICANDELO B: EZONXIBELELWANO

2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle.
3. Cinga, uqike phambi kokuba ubhale.
4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.
6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
7. Nombola imibuzo yakho kanye ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.



ICANDELO A: UKUBHALA ISINCOKO**IMIGAQO**

1. Khetha isincoko sibe SINYE kwezi zilandelayo, ubude bube phakathi kwamagama angama 210-250.
2. Bhala umbuzo lowo uwukhethileyo kunye nesihloko eso njengoko sibhaliwe.
3. Isincoko sakho masibe namanqanaba afanelekileyo.
4. Bhala amagama ngobunono ukuze ubhale inani ekugqibeleni kwesincoko.

UMBUZO 1

liholide zeKrisimesi zowama-2014.

Bhala esi sincoko usibalisela ngezi holide zingentla. Balula izinto othe wazithanda nongazithandanga.

[40]**UMBUZO 2**

Inkululeko kweli lizwe lase Mzantsi Afrika ixhanyulwa/yenzelwe abantwana kuphela, abantu abadala ibabeka ecaleni.

Xoxa ngesi sihloko, kutheni ucinga ngolo hlobo nje? Xhasa ngezinto okanye iziganeko ezibangela ukuba uqiniseke ngalomba.

[40]**UMBUZO 3**

Unxibelelwano kule mihla sikuyo.

Chaza iindlela zonxibelelwano ezisetyenziswa kule mihla, umana ukuzithelekisa nezamandulo/kudala. Ukubaluleka kwazo nokungabaluleki.

[40]**UMBUZO 4**

Qwalasela umfanekiso ongezantsi uze uyile isincoko ngawo. Sinike isihloko esifanelekileyo esihambelana nomfanekiso. Cwangcisa izimvo zakho ngokulandelana kwazo.

**[40]****UMBUZO 5**

'Xa ndinokuba ngumphathiswa wezemfundo'

Bhala esi sincoko sicamngcayo usixelele izinto onokuzenza xa inokuba nguwe lowo.

[40]**AMANQANKU ECANDELO A: 40**

ICANDELO B: IITEKISI ZONXIBELELWANO**IMIGAQO**

1. Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso phakathi kwamagama angama 140-160.
2. Bhala umbuzo kunye nesihloko njengoko kubhaliwe.
3. Hlela ngendlela efanelekileyo ukuze izimvo zakho zilandelelane.
4. Bhala inani lamagama owabhalileyo ekugqibeleni kwephepha.

UMBUZO 6: ILETA YOBUHLOBO.

Bhalela umhlobo wakho ongaphumelelanga ibanga lesi-9. Velana naye ube sele umkhuthaza ukumnika amandla kwakho. [20]

UMBUZO 7: ISAZISO SENTLANGANISO NE-AJENDA.

Bhala isimemo sentlanganiso yolutsha apho kuzakube kuxoxwa ngezinto ezidla ulutsha. Emva koko uqulunqe/wenze i-Ajenda yolosuku lwentlanganiso. [20]

UMBUZO 8: ISIVI

Ufuna umsebenzi wethutyana kwivenkile yeempahla kwidolophu ekufutshane nawe. Yenza isivi yakho ukuze uyingenise nanjengoko ifuneka, zama ukuzithengisa ukuze bayibone imfuneko yakho kwelishishini. [20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20
AMANQAKU EWONKE: 60



